Imbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (28 March 1936), page 3

**Umfi Meshach Siphethwe Pelem; no Canon Daniel Malgas**

Ngomhla wesi 6 ku March (eyo Kwindla) 1936 kunduluke elizweni ngenkonzo yokufa u Mnumzana u Meshack Pelem obesaziwa ngelokuba ngum Ping' omkhulu, xa ama 77 iminyaka ubudala.

Ngomhla we 14 kwakuyo loonyanga kumke kwa ngenkonzo ezukileyo yokufa umfundisi omdala wakwa Nondyola, eBofolo ongu Canon Daniel Malgas, wakwa Nozulu xa ama S3 eminyaka ubudala. Ngokunduluka kwawo kunye omabini lamadoda a Ngcwele isizwe sasema Xhoseni sapukile, ne Afrika yonke yenzakele, - ngakho oko umelwe ukuba afunwe uMathunga wase Giliyadi kubotshwe "ukwaphuka kwentombi yabantu bakowethu."

U Mesheki lo uzalelwe ezinkcitakalweni zika Nongqause, ngowe 1859 nakuba uyise u Pelem wayeli Gogotya, into ka Humana ka Mgquba, umPinga. Ngenxa yokuba namhla side saphatwa ngumlungu, intwana le yasel' inikwa igama lokuba ngu "Siphethwe." Ukhulele ema Gqunukwebeni, e Mxumbu kwe sika Hina; ufunde eNxukwebe isaqala ukuba sisikolwana ekunye neento zoo Kawa, Msikinya, Masiza Kakaza, nezoo Jabavu. Uphume waya kufundisa e Kaladokwe; ute ukuvela kwe Dayimani waya kuzizamela naye ekumbheni idayimani; ukhe wabambha ngokufezekileyo kumsebenzi[1] wokugaya, enomkhuluwa wakhe, enye indoda yamadoda. Wakhe umzi omkhulu ku Zingquthu eba Tenjini; nase dolophini e Komani waba nemizi emihle kunene. E Qonce akugoduka ube nengqutu yomzi ongowakhe, obudume ngokuba li "Khaya lakwa Pelem," ngulo ke aswelekele kuwo.

Ubuchokochoko bobuhomba asinto abeyenza, kuba ubesithi, uyakuthinina ukucokoza ahombe, isizwe sakowabo sisenje ukuba semva kwaso! Ube yimbhalasane ngesimilo, azi umfo ubemthand' unina! Ukuteta into ayenze ibiyinto yakhe; imfundo eyixabise kakhulu; akafumananga wenziwa igosa elithile leemali ezincinane eFort Hare. Ubezibona kakuhle izinto zombuso wesilungu. Ube ngu Mongameli we "Bantu Union" oko yati yasekwa. Waba ngu Mongameli wesi Khumbuzo sika Ntsikana Ongcwele, oko sati saqalwa. Ubesakutsho kuso ukuti, usapo lwe Afrika makube lunento oluyilindeleyo, kon' ukuze kubekho iintsomi eziti,

"Sifuna Ma-a-mpanga-mpanga!"

---

[1] kukumsebenzi

Uzele washiya mpa-anga mpanga!

Sadia mhlaba sakhula mpa-anga mpanga."

Mandimshiye apho Mhleli umzukulwana ka Humana: -

U Nca-mgubasini

Kub' eyindlebe ka Palo

Engamehlo ka Rarabe

Iintsika zelizwe

Izixhaso zomhlaba

U Sipetwe ka Mgquba

Kuba sipetw' emlungwini

Umdondosholo wendoda

U Mareq' aqhawule

Kub' intam' ilukhuni

Ndisenz' umzekelo

Wokuhlaliwa kwelizwe

Kuz' ube mpunyumpunyu

Kuz' ube nethelezi

Kuz' uwazuz' amandla

Kuhlala ngesimilo

Uqweb' ukuzondlela

Ndod' eyem' e Jordane

Kwanga kukumhlab' owomileyo

“Sahlala phantsi salila.”

Taru mfo ka Humana woyisile

Pantsi kwephiko lombuso

Womhlaba nowe Zulu

Woyis’ iint’ ezinkulu

Woyis’ ukufa nenchwaba

Sikhangel’ ap’ eNyangwaneni.

Ncincilili!!!

U CANON DANIEL MALGAS

Kwezinyanga zikufupi zidluleyo, ndikhe ndenza capazana ngaye ubawo lo; ngakho oko andikuba semka naye ndiye phi namhla. Njengo mntu obazali bangene bumini e Lizwini, imfundo ephakamileyo akafumanananga nayo. Kodwa ndothuka mhla wayesenza isiyalo ngesi Ngesi esiqavileyo, e Cathedral e Rini, mhla kwaku ngeniswa o Revs. A.E. Kuse no Habana. Ubufundisi ubuqale e Bhayi, watshintshelwa kwa Nondyola e Bhofolo ukusweleka koka Mnyakama, ngumfundisi wokuqala ontsundu, ngapandle ko Canon Masiza Pesha kwe Nciba, ukwenziwa i Canon.

Naye lo njengomfi u Pelem ugule ithuba elide; kanti koku balinde ukuba ngamahlamvu e “Ngangalal’ Enkul’ engatshonelwa Langa,” inkosi yabo u King George V. Kanti koku balindene ukuze bangashiyani ngaveki; bemke ngexesha elinye le Nzila (Lent), ukuze bangaze basilele ukuzilelwa nabo xa kuzilelwa iNkosi yabo umNazarete Omhle.

U Nkanunu lo ubeyifunde wayigocagoca imbhali ye tyalike le. Bobabini no Pelem lo babe ngabameli be Bandla lakowabo e Tshetshi, koluguqulo lokugqibela lwezi Bhalo, kuthiwa yi “Union Version.” Bobabini bekuxa ngati bayafika ebu Xhoseni kangango kubuthanda kwabo, nokubuxabisa kwabo, intetho namabali ayo. Bobabini bafe benamaphepha (MSS) aba wabhalayo embhali zakomawabo, abe elindele ukushicilelwa.

Bobabini u Pelem no Malgas bebe ngama “Doda” nasema dodeni bebengama “Dod’ a Ngcwele.” Ngakho oko.

Lusapho lwase Mbho! Lusapho lwase Mbho!

Yizani silile, sililel' i Nkanunu!

Sililel' Keswa uNozul' omhle kunene;

Ondlebe ntle zombini,

Ninina bakwaziy' ukulila,

Kuba nina nilila nithetha;

Nixel' ingxelo nezigigaba zomfi!

Ude wenz' incwadi no Bishophu

Zashukum' iFada naba Bingeleli;

Zaguqulwa ngakumbi nezi Bingelo.

Akakho n' u Mathunga eGiliyadi?

Akukho Gqira na e Sebayothi?

Akakho na u Mfisi wase Lebanoni?

Phofu kuthenina kungabotshwa,

Ukwaphuka kwesizwe sasema Xhoseni?

Ukwenzakala kwe Bandla lase Tshetshi!

Ukuphalala kwe Afrika yonk' iphela?

Mfana ndini ka Kuse! Mfana ka Kuse!

Yiza no Mathunga umzi wenzakele,

No Mathung' ibe ngowase Galiyadi!

Hamba Bawo hamba mdak' omnyama!

Khulu lamatokazi akwa Hintsa.

Zwe lase Cintsa nelase Cefane.

Mhlab' akwaZidenge pantsi kwa Mahlathi.

Zwe lobaba bethu lelase Mzinyathi.

Ubuyityuwa yomhlaba mfo ka Malrasi;

Ubulukhanyisel' oluhle lwehlabathi, -

Uyakuqaqamba nasezi nkwenkwezini.

Nqwelo yokulwa yakwa Silayile!

Nqwelo yokulwa nabamahash' ayo!

Bawo wam! Bawo wam!!